

INDLELA EZIPHAMBILI EZILI 10 ZOKUSETYENZISWA KWAMANZI NGOBUCHULE KWELI XESHA LASEHLOTYENI



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Nceda ugcine amadama ethu noovimba bamanzi ukuba bahlale begcwele ixesha elide kwakhona ucuthe impembelelo kacimicimi wombane ngokujoliswe kwimisebenzi engobonelelo ngamanzi.

UKUVUZA:



1

Fumana apho kuvuza khona kwaye ukulungise oko.

Ukusetyenziswa kwamanzi lwamanzi ngezinga eliphezulu kungathetha ukuba kukho ukuvuza ongakuboniyo nokuyinkcitho yamanzi okuziindleko. Hlola imitha yakho yamanzi rhoqo, ukuze ubone ukuvuza apho kukhoyo kwaye kulungiswe ngokukhawulezileyo. Jonga izikhokelo zeSixeko ekulula ukuziqonda ukuze zikuncede.



2

Musa ukuflasha rhoqo ngokukhawuleza Flasha kuphela xa kufanelekile kwaye musa ukusebenzia ithobhi langasese nje ngomqomo wokulahla inkunkuma. Amatanki okukhongozela amanzi wegumbi langasese amatsha natshintshiweyo akufuneki ukuba adlule kumthamo weelitha ezi6 zamanzi kuflasho ngalunye.



3

Sebenzisa ixesha elifutshane namanzi angephi aphuma kwishawa xa uhlamba okanye amanzi angephi okuhlamba ebhafini. Umlinganiselo wokuhamba kwamanzi kwiintloko zeshawa ezintsha nezitshintshiweyo awunakho ukudlula kwilitha zamanzi ezisi7 ngomzuzu.



4

Hlambisia ngamanzi amancinci apho kujoliswe kwiimpahla zokunxiba nezitya. Zihlambe iimpahla nezitya (iimbiza, iikomityi, njalo njalo) kuphela xa kudingeka. Linda umthwalo weempahla ezakuhlanjwa ude ugcwale umtshini wokuhlamba ngaphambi kokuba uwusebenzise, nezitya zokuhlamba zide zigcwale esinkini yokuzihlamba. Ukuhlamba impahla ngezandla nokususa amabala angafanelekanga oko kungasebenzia amanzi angephi.



5

Vala iitephu xa ungawasebenzisi amanzi aphumayo ngelo xesha.

Umzekelo, sebenzisa ikomityi xa utsheva iindevu naxa uhlamba/ubrasha amazinyo akho.

NGAPHAKATHI



NGAPHANDLE:



6

Wuvale umbhobho wokuhlamba, xa uhlamba imoto. Imibhobho yokuhlamba izithuthi, amaphenyanee neekharavani kufuneka ifakelwe isixokelewane esikwaziyo ukuzivala. Sebenzisa isifefezi samanzi xa kuyimfuneko. Okanye uhlambe isithuthi sakho ngebhakethi lamanzi.



7

Mana uyivila uyivala itephu kwaye ungawamoshi amanzi. Sebenzisa isixokelewane solawulo esisekupheleni kombhobho wonkenceshelo esinje ngesifefezi (jonga ekhohlo) okanye isixokelewane esizivala ngokwaso (jonga umfanekiso wesi ngasentla).



8

Yoyise ilahleko yobushushu. Nkcenkceshela kuphela ngaphambi kwentsimbi ye09:00 okanye emva kweye 18:00 ukuthintela ilahleko yamanzi angumphunga obangelwa bubushushu.



9

Gcina ulonwabo Iwasehlotyeni ngobulumko bokusebenzisa amanzi. Qwalasela ukusetyenziswa kwamanzi kumdlalo wabantwana xa bezipholisa kwinyanga ezishushu zasehlotyeni. Umzekelo – sebenzisa ilaphu elimanzi ukupholisa ulusu olushushu kwaye ungayenzi ilahleko yokufefeza ngamanzi.



10

Qubha, yogquma, londoloza, phinda usebenzise kwakhona. Amaqula awakhelwego nasongwayo kufuneka ogqunywe xa engasetyenziswa ukuze ingenzezi ilahleko yamanzi ngokomphunga obangelwa bubushushu ethi ifikelele kuma 95%. Londoloza amanzi nemali. Wagcine amanzi obuqbuba kuwo ukuze uwasebenzise kwakhona ungawonegeza ngamanzi emvula okanye ngamanzi womnye umthombo kangangoko kunokwenzeka.



Ukuze ufumane ezinye izikhokelo ezisebenzayo zokulondoloza amanzi nengcacio ngokumalunga nemigaqo esisigxina engokusetyenziswa kwamanzi, ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/savewater Okanye uskene le khowudi iQR usebenzisa ikhamera yefowuni yakho yale mihla

Ukunikezela ingxelo ngokumalunga nelahleko yamanzi kwaye nawo nawuphina kwimibandela engezamanzi nogutuulo:

WhatsApp 060 018 1505 • Fowunela kwa 0860 103 089 • Thumela i-SMS ku 31373
(amagama abe ngumlinganiseloi160) • Imeyilela kwa water@capetown.gov.za
Ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/servicerequests